**Imiyalelo kutitshala:**

1. Fundela abafundi umbuzo ngamnye ngokucacileyo ungangxamanga.
2. Funda umbuzo kube kabini ubuncinane, ngelixa be jonge kwiincwadana zabo.
3. Banike ithuba lokuba bazibhalele ngokwabo kwizithuba ezinikiweyo.
4. Wonke umsebenzi mawenziwe kweli phepha, musa ukusebenza kwiphepha elisecaleni.
5. Bakuba begqibile, qhuba ubafundele umbuzo olandelayo.
6. Landela le migaqo ingasentla de ufike kumbuzo wokugqibela.
7. Uvavanyo lunamanqaku angama-20.
8. Uvavanyo luyimizizu engama-60.
9. Yenza umsebenzi wokuziqhelisa nabafundi.

**Umsebenzi wokuziqhelisa:**

1. Biyela unobumba onegama elihambelana nomfanekiso.

Le yi ...



| A | B | C | (D) |
|---|---|---|---|
| kati. | nkomo. | nkuku. | nja. |

2. Fakela uphawu (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Le yi ...



| | |
|---|---|
| kati. | |
| mpuku. | |
| nja. | |
| nkomo. | x |

Kuvavanyo lwakho uza kuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba kuyiphendula.

**Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.**

1. Jonga kumfanekiso ongezantsi.

Bhala unobumba osemva kwesikhamiso sokuqala segama lento esemfanekisweni.



1.1 ..........................



1.2 ..........................

2. Khetha igama elichanekileyo lomfanekiso ngamnye kula magama akwiibhokisi ezingezantsi uze ulibhale kwizithuba ozinikiweyo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Ileli | Imagi | Ipani | Ifeni |





2.1 ................................

2.2 ................................

3. Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo.

| |
|---|
| Umama notata basa uThemba noPhathiswa edamini. Utata noThemba bathatha iminatha yabo yokuloba iintlanzi. Utata noThemba babambisa iintlanzi ngeminatha.<br><br>Umama noPhathiswa babeka iintlanzi esityeni. Utata ubasa umlilo aze o je iintlanzi. UThemba noPhathiswa bonwabele ukutya iintlanzi. Bonke bonwabile edamini. |

3.1 Fakela uphawu (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Esona sihloko sif anelekleyo seli bali sithi ...

| | |
|---|---|
| Usuku ef ama | |
| Usuku kumyezo wezilwanyana | |
| Usuku edamini | |

3.2 Phendula lo mbuzo.

Ngubani obasa umlilo?

Ngu...................... obasa umlilo.

3.3 Landelelanisa iziganeko ngokwasebalini uzinombole 1-3 ezibhokisini.

| | |
|---|---|
| Bonke bonwabile edamini. | |
| Baya edamini. | |
| Utata wo ja iintlanzi. | |

4. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Kwakutheni ukuze utata noThemba bathathe iminatha yokuloba?

Bathatha iminatha yokuloba ukuze ba...

A bambe ibhasi.

B bambe iteksi.

C pheke intlanzi.

D bambe intlanzi.

5. Jonga kulo mfanekiso.

Fakela igama elichanekileyo.



I............................................... lishushu.

6. Biyela unobumba osentla kweyona nto inzima kunezinye.

| A | B | C | D |
|---|---|---|---|
|  |  |  |  |

7. Zoba umgca utshatise isivakalisi nomfanekiso ochanekileyo.

| | |
|---|---|
| Intombazana inethwa yimvula. | UThemba uphethe intonga yokuloba. |





8. Phinda ubhale esi sivakalisi.

Fakela unobumba omkhulu kunye nesingxi.

bonke babonwabile edamini

..................................................................................................................

9. Isibizo ligama lomntu, lento nelendawo.

9.1 Biyela unobumba osecaleni kwesibizo esichanekileyo.

Babambise iintlanzi nge ... 

A minqwazi.

B mililo.

C minatha.

D milambo.

9.2 Jonga umfanekiso.

Fakela isibizo esishiyiweyo.



Utata uqhuba i ............................

